URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Anita van Vuuren
ICandelo le-*eLearning*
Anita.vanVuuren@westerncape.gov.za | 021 467 2620

Inombolo yefayili: 24/3/3/1
Isalathiso: 20220803-4819

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: 0001/2022

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET* ne-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakooTitshala bazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isihloko: ICandelo leProgram yoPhuhliso lwezaKhono zooTitshala ze-eLearning (*DEL TPD*)

1. Ingcamango ephambili ye-*eLearning* yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) kukuzimisela ekunikeni amathuba ophuhliso lwezakhono nokugxila ekufundiseni nasekufundeni ngedijithali kwabo bonke ootitshala namagosa eSebe i*WCED*.

2. Ukufundisa nokufunda ngedijithali kucacisa iindlela zokufundisa ezisebenzisa izixhobo zedijithali ezifanelekileyo ukubethelela amava ootitshala okufundisa nawomfundi okufunda. Injongo, ngoko ke, kukuphucula ngaphezulu impumelelo yeenjongo zokufunda zekharityhulam.

3. Iphothifoliyo yoPhuhliso lwezaKhono kwiCandelo le-*eLearning* kwaNdlunkulu, neekomiti zeengcebiso nge-*eLearning* kwizithili, zinoxanduva lokulawula iprogram yokuqaliswa kokusetyenziswa kwe-*DEL TPD*.

4. Ukuncedisa ukukhulisa izakhono zedijithali ezizodwa, imenyu yoqeqesho egxile kumanqanaba amane ophuhliso ahlukileyo iphuhlisiwe. Imetriksi yethekhinoloji neendlela zokufundisa (*pedagogy matrix*) inokujongwa ngokusebenzisa le linki ilandelayo: https://wcedeteacher.wixsite.com/remoteeducation/trainingmenu.

5. La manqanaba ophuhliso acaciswa ngoxwebhu lwesikhokelo lukazwelonke, i-*Professional Development Framework for Digital Learning* (olusuka kwiSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke, 2018), nezinye iinkqubo zeethiyori zokufunda (*learning theory models*).

6. Iprogram ye-*DEL TPD* ilandela ishedyuli yoqeqesho enokuguqu-guquka yaye iyaqhubeka ngokuhlaziywa njengoko iimfuno ziqatshelwa zize zisonjululwe. Ukwenzela ingcaciso ehlaziyiweyo malunga neprogram yoqeqesho enokuguquka, imenyu yoqeqesho nesicwangciso senyanga ngeyunithi nganye yoqeqesho, kucelwa nilandele ilinki yomqulu wengcaciso: https://bit.ly/DELTPD-INFO-LIVE.

7. Uhlaziyiwe umqulu wengcaciso ukwenzela ukuba kubelula ukuyisebenzisa. Ilinki engasentla ithatha indawo yelinki ibinikwe ngaphambili kwiNgcaciso eMfutshane ye-*DEL* 0004/2021, yomhla wama-22 Julayi 2021, eyekiweyo ukusetyenziswa.

8. **Iiseshoni zokucacisa ngeprogram (*Mediated sessions*)**

   Le program iququzelelwa ngokuqhagamshelana neekomiti zengcebiso nge-*e-Learning* zezithili, yaye kunokuqhagamshelwana nazo ukubhalisela iiseshoni. (Makufundwe isiHlomelo A). Kucelwa kuqatshelwe ukuba iiseshoni ziqhutywa ngekhompyutha ngoku.

9. **Amathuba okuziphuhlisa ngezakhono ngokuzimeleyo (*Self-directed*)**

   Ukongezelela kwiprogram ye-*DEL TPD*, amathuba oPhuhliso lweeTitshala nge-*eLearning* (*eLearning Teacher Development*) nawo anikiwe kwikhontenti yokuziphuhlisa ngezakhono ngokuzimeleyo (*self-directed content*). Ukuba nifuna ingcaciso engaphezulu ngeeprogram ezandisiweyo makungenwe apha: https://wcedeteacher.wixsite.com/remoteeducation.

10. Kucelwa abalawuli neenqununu ukuba bazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kuwo onke amagosa nootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2022-08-11